

# Ungasebenza njani ukwisimo esihle nomntwana wakho

ISIXHOSA

**INYANISO** Abantwana bafunda ngcono xa bonwabile. Ukuziva bekwisimo esihle kuyabancedisa ukuba bazame ngakumbi, bazame baphumele kwimicelimingeni kwaye bakhumbule izinto ngokulula..

## ISIXHOBISO ESIPHEZULU

### YENZA UKUFUNDA KONWABELEKE!

Ukuze ube yintshatsheli ngokufundisa ekhaya, khumbula ezi zinto zimbini:

Joy



#### YONWABA

Le siyibiza ngokuthi yi Joy Factor. Imibala, imifanekiso, izinto zokudlala, imidlalo, amaculo, amabali kunye neentshukumo zonke ezi zongeza intlantsi kwinkqubo yokufundisa

#### ZAMKELE IIMPAZAMO

Ngokwenza iimpazamo siyafunda ukuba singazilungisa njani ukuze zamkeleke. Iimpazamo zethu zisibonisa ekusafuneka sikufundile.




### NANGA AMANQANABA OKUQALA “KAKANJANI”

**1** Khangela izinto apha endlwini onokukwazi wena nomntwana wakho ukuzisebenzisa ekufundeni. Abantwana abancinci bafunda ngcono xa besebenzisa izinto ezinokususwa zijikeleziswe.



**2** Amakhasi namadayisi alunge kakhulu xa ufundisa izibalo.



**3** Cinga ngeengoma, izicengcelezo kunye neentshukumo onokuzisebenzisa zancedise umntwana wakho akhumbule ngcono.



**4** Yiba nesimo esihle kwiimpazamo. Xa umntwana wakho enze into engafanelekanga, mbonise ukuba angayifumana njani iimpazamo kwaye angayilungisa njani. Yiphinde, ungaqhubeka xa ubona ukuba ukulungele oko.



**5** EKUGQIBELENI, BHIYOZELA IMPUMELELO!



## KHUMBULA

Xa umntwana wakho ekuthanda ukufunda akukho nanye into engema endleleni yakhe.